Isalathiso: 20201112-9480
Inombolo yefayili: 13/9/2
Imibuzo: M Combrink

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo loVavanyo: 0020/2020

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli aBaziiNtloko, kuBalawuli, (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela Balawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaphathi beeSekethe, kuBacebisi ngeZifundo nakwiiNtloko zamaziko alungiselela abaviwa kwiimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke

Isihloko: Abaviwa bematriki abosuleleke yi-COVID-19 nababekwe kwindawo eyodwa bucala abanqwenela ukubhala uviwo lwangoNovemba 2020

1. ISebe leMfundo esiSiseko ngokubonisana neSebe lezeMpilo, lavuma ngowe-04 Novemba 2020, ukuba abaviwa abafunyaniswe bosuleleke yi-*COVID-19*, bazibhale iimviwo ze-*NSC* zangoNovemba 2020, phantsi kwemiqathango ethile.

2. Abazali/abagcini/abanonopheli bomviwa we*NSC* ofunyaniswe osuleleke yi-*COVID-19* nobekwe kwindawo ebucala (in *isolation*) banokufaka isicelo sokuba umntwana wabo/umntwana ogcinwa ngumzali ongengowakhe *(ward)* azibhale iimviwo zangoNovemba 2020 kwenye indawo yokubhalela iimviwo.

3. Abazali/abagcini/abanonopheli bomviwa ofunyaniswe osulelekile yi-*COVID-19* banyanzelekile ukuba bazise inqununu ngokukhawuleza ngemeko yokosuleleka komviwa, ukwenzela ukuba kwenziwe amalungiselelo kwangexesha okuba umviwa azibhale iimviwo kwindawo eyodwa yababekwe bucala (*isolation venue*) ezithobelayo iiprothokholi zempilo nokhuseleko nemiqathango yeemviwo emalunga nendawo yokubhalela iimviwo ekhuselekileyo.

4. Amalungiselelo alolu hlobo aya kusebenza kude kube lusuku lwe-10 emva kokuba umviwa evavanyiwe (*tested*), yaye emva koko umviwa unokubhala iimviwo kwiziko lakhe lokubhalela iimviwo eliyintsusa.

5. Abazali/abagcini/abanonopheli abathi benolwazi yaye benenjongo bayifihle into yokuba umviwa abamgcinayo ufunyaniswe osuleleke yi-*COVID-19,* baya kujongana nengalo yomthetho *(legal consequences*) ukuba kunokuthi kamva kuvele ukuba umzali/umgcini/umnonopheli wayifihla le ngcaciso esazi yaye enenjongo.

6. Kumelwe kuqatshelwe ukuba kuya kuba yimfuneko ukuthotyelwa ngokungqongqo kweemfuno ezimiselweyo zokuqelelana phakathi kwabantu, ukunxitywa kwemaski yobuso nokucocwa kwezandla ngesicoci esibulala iintsholongwane, kwindawo yokubhalela uviwo. Umgama wokuqelelana oyi-1,5 iimitha mawugcinwe ngokuthe mbo.

7. Kubalulekile ukuba abaviwa abafunyaniswa benobushushu obuliqondo elingu-*38 degrees* nangaphezulu kunye/okanye abanempendulo engu-"ewe" kwimibuzo emibini nangaphezulu kwikhweshine yokuhlolwa, mababhale uviwo **kwindawo eyodwa yababekwe bucala *(isolation venue)* esikolweni,** eyaziwa nevunywe yinqununu nebhunga lolawulo, njengoko kuchaziwe kwiNgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo loVavanyo: 0015/2020, yomhla we-06 Oktobha 2020.

8. Umzali/umgcini/umnonopheli womviwa ofunyaniswe osuleleke yi-*COVID-19* makazalise icandelo 1 lefom yokwenza isicelo eqhotyoshelwe **njengesiHlomelo A.** Ifom mayingeniswe kwinqununu ubuncinane kwiiyure eziyi-24 phambi komhla koviwo.

9. Kwakuba kufunyenwe ifom ezalisiweyo, inqununu mayizalise icandelo 2 lefom yesicelo. Isicelo masigqithiselwe ke ngoko kumlawuli wesithili omakazalise icandelo 3. Umlamli wesithili makayithumele nge-imeyili ifom yesicelo ezalisiweyo kuMlawuli oyiNtloko: weCandelo loLawulo loVavanyo (Lisl.vanRensburg@westerncape.gov.za), oya kwenza isigqibo sokugqibela ngokuzalisa icandelo 4.

10. Kucetyiswa abaviwa ukuba balumke ngokugqithisileyo ngethuba lolu viwo ukunciphisa ingozi yokosuleleka yintsholongwane. Bamele ukuyilandela mbo yonke imiqathango yezempilo nokhuseleko yaye bakuthintele ukuhamba iindibano zolonwabo nokuba zeziphi na. Abaviwa mabaziqaphele ngokungqongqo iiprothokholi ezimalunga nomgama wokuqelelana, ukunxitywa kweemaski zobuso nokucocwa kwezandla ngesicoci esibulala iintsholongwane.

11. Niyacelwa nifumane olu xwebhu lweemfuno ezimiselweyo luhlaziyiweyo: *Protocol on the writing of the 2020 November examination in compliance with the COVID-19 requirements*, lomhla we-08 Novemba 2020, oluqhotyoshelwe **njengesiHlomelo B**.

12. Ziyacelwa iinqununu zazise ngokuqulethwe yile ngcaciso imfutshane kubo bonke ootitshala, abagadi babaviwa nabazali ukuze bayithathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-PAD BEETS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO
UMHLA: 2020-11-19